WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

SEPTEMBA / OKTHOBHA 2025

NEWSLETTER

Umasipala waseWitzenberg uye wabamba igqiza elisuka e-Essen, eBelgium iiveki ezimbini ekuqaleni kukaOkthobha. Uluhlu olupheleleyo lwacwangciswa lokuba abathunywa batyelele abachaphazelekayo abohlukeneyo, iindawo kunye neeprojekthi, kwaye bahlangane namahlakani anobuchule kwindawo yethu. Iinkcukacha ezithe vetshe ziya kupapashwa kwincwadana yeendaba elandelayo.

uSodolophu
Cllr Trevor Abrahams

Ezisuka kuSodolophu

Molweni mawethu

Ndinovuyo olukhulu ukunazisa ukuba sifumene ingxelo yophicothozincwadi olungenachaphaza lwe12 oluvela kuMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika. Oku kuthetha ukuba ulawulo lweemali zomasipala wethu luqhuba kakuhle, luyasebenza yaye lufanelekile. Sisoloko sisebenzela ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo eWitzenberg.

Bonke abafundi, iititshala nabasebenzi abancedisayo babyele esikolweni bevela kwiiholide zikaSeptemba yaye ngoku balungiselela ukugqibezela unyaka. Kubo bonke abafundi bebanga lematrikhi abakumasipala wethu, sininqwenelela okuhle kodwa kwezi mviwo zikazwelonke zizayo zokuphela konyaka. Sininqwenelela impumelelo!

Ndingathanda ukubulela amahlakani omasipala wethu asuka eEssen, eBelgium ngokusityelela ukususela ekuqaleni kukaOkthobha 2025 nangokusoloko esixhasa ekwasikhokhela kwizenzo ngezenzo neeprojekthi ngeeprojekthi ezigxile kwizinto ezifana nophuhliso lwezemidlalo kunye nolawulo lokuthuthwa kwenkukuma. Besinesicwangciso esipheleleyo seeveki ezimbini sokusingatha abameli baseEssen, yaye sinethemba lokuba ibilutyelelo olube neziqhamo kunye nokudluliselana ngeenkcukacha kumaqela omabini.

Kolu hlelo, ungafunda malunga nezenzo ngezenzo nemicimbi enxulumene nomasipala kunye nokona kubalulekileyo, ngabo badlala indima abasebenza ngokuzinikela (ngakumbi ngokusitheleyo) nabasincede ekubeni sifumane isiphumo sophicothozincwadi olungenachaphaza lwe12. Sithi huntshu kuni nonke! Sikwabulela nakuluntu lwaseWitzenberg ngokubanzi! UThixo anisikelele!

Contact Us
EMERGENCY 023 492 0181 / 2
023 316 1854 (Switchboard)
081 896 5480
admin@witzenberg.gov.za
Witzenberg Municipality - Official
www.witzenberg.gov.za

Efotweni: Ngaphambili, ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene nguGerman Lukas, iNtloko yoNyanzelisomthetho noSihlalo weQumrhu loKhuseleko laseWitzenberg, uKhansila Katriena Robyn, uAlderman Ronald Visagie (uKhansila weWadi), uKhansila Sophia de Bruin kunye namavolontiya eNHW neCPF asePA Hamlet naseOp die Berg akumqolo ongemva.

Ukukhuthazwa kokhuseleko loluntu!

UMasipala waseWitzenberg usanda kunikezela ngezixhobo zokhuseleko ezidingeka kakhulu kwiQumrhu lokuPolisa loLuntu lasePrince Alfred Hamlet (iCPF) kunye nabaGadi boCwangco baseKuhlaleni (iiNeighbourhood Watch - NHW) ePA Hamlet naseOp die Berg ukuze kuxhotyiswe abo basebenzayo abasincedisa ekugcineni uluntu lukhuselekile kunye nokukhuthaza ukhuseleko loluntu kwinkalo yomasipala gabalala. Eli phulo, lisungulwe liQumrhu loKhuseleko loLuntu laseWitzenberg, lixhaswe ngemali nguMasipala weSithili saseCape Winelands ukulungiselela iiprojekthi zokhuseleko lwendawo ukwenzela ukuncedisa ekulweni ulwaphulomthetho. Ezi zixhobo zinikezelweyo ziquka: iithotshi namabhetri ngokunjalo nezihlangu zokhuseleko.

AMAXABISO OMBANE

Emva kophando malunga nexabiso lokunikwa kombane, phando olo lwenziiwe ngumasipala, amaxabiso aza kuqala ngowokul kuJulayi 2025 kude kube ngonyakamali ka2027/28. Injongo yolu phando, njengoko ifuna njalo iNERSA, ibikukukhangela ezona ndleko zokunikwa kombani kubaxumi ngabaxumi. Amaxabiso athile athathwa njengamaxabiso abekiweyo, okt. Amaxabiso angachatshazelwayo kokona kusetyenziswa kombane. La maxabiso makahlawulelwe ziintlawulo ezingatshintshityo, ezifana neemali ezingundoqo kunye neentlawu zobungakanani.

Amaxabiso ombane wabaxumi abaneemitha zetyala alungiswe ngolu hlobo:

	2024/2025	2025/2026	Aanpassing
Basies		135.65	Nuut
Kapasiteit heffing per Amp.		6.88	Nuut
0 – 600 kWh	2.93	2.33	-20.4%
601 en meer kWh	4.71	3.96	-15.8%

Kuqikelelwa ukuba iindleko zombane zomxumi ongumhlali onemitha yetyala enoqhagamshelo lwe60-amp nosetyenziso lombane oluyi800 kWh ngenyanga ziya kunyuka nge11.3%. Abaxumi banokukhetha ukunciphisa ubungakanani boqhagamshelo (i-amp), kodwa oku kunokudinga ucwangciso oluphuculweyo losetyenziso lombane, yaye banokungakwazi ukusebenzisa zonke izixhobo ngexesha elinye.

Ngethamsanqa, iNERSA ivume amaxabiso ombane oqala uhlawulelwe ka2025/26, nangenazindleko zibekiweyo. Ngoko ke abaxumi basenakho ukukhetha ukutshintshela kwimitha yombane oqala uhlawulelwe.

Executive Deputy Mayor Cllr. Jonathan Nel

Bringing government closer to the people, the Imbizo in PA Hamlet tackled one of our nation's most pressing challenges.

The Department of Justice and Constitutional Development hosted a Community Imbizo in the PA Hamlet area of the Witzenberg Municipality, focusing on the urgent issues of gender-based violence and femicide.
Our **Executive Deputy Mayor, Cllr. Jonathan Nel**, who warmly welcomed all delegates, including the **National Deputy Minister, Mr. Andries Nel**. The Imbizo served as a powerful platform for dialogue, awareness, and collective action in the fight against GBVF.

L to R Western Cape Provincial Minister of Health and Wellness Mireille Wenger, Executive Mayor Cllr Trevor Abrahams and Ald. Dirk Swart

Collaborative Effort Delivers New Burn Unit to Ceres Hospital

The new **Burn Unit at Ceres Hospital** officially opened today, bringing specialised care closer to rural communities. This milestone was made possible through a partnership between the Western Cape Department of Health and Wellness and the Children's Hospital Trust, with clinical support from **Red Cross War Memorial Children's Hospital.**

The opening was supported by **Executive Mayor Cllr Trevor Abrahams**, who welcomed the facility as a vital investment in local healthcare. The unit aims to reduce the need for long distance referrals and improve outcomes through early intervention. It marks a major step forward in delivering equitable, **quality healthcare** for the Witzenberg region.

Isiphumo soPhicothozincwadi olungenachaphaza lwe12 lweWitzenberg kwiminyaka elandelelanayo

"NjengoSodolophu woMasipala waseWitzenberg, ndibulela uBawo wethu oseZulwini ukuba ndibe ngoku ndibhengeza ukuba sifumene iNgxelo yoPhicothozincwadi olungenaChaphaza lwe12 kwiminyaka elandelelanayo evela kwiofisi yoMphichothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (iAG). Imeko yengxelo yoPhicothozincwadi olungenachaphaza ibonisa ukuba: amaxwebhu engxelomali afumaneka engenazimposo kwingxelo; umasipala uyayilandela imithetho nemigaqo efanelekileyo: zikhona iindlela zokulawula ezifanelekileyo, yaye; iNgxelo yoNyaka ibonisa oko kwenziwa ngumasipala, njengoko kuthelekiswa neethagethi ezibekiweyo. Ngoko ke ndidlulisa umbulelo ongazenzisiyo kumalungu ebhunga nabasebenzi bomasipal angokuzimisela kwawo ngala maxesha anzima."

- USodolophu, uKhansila, Trevor Abrahams

EXECUTIVE MAYOR WITH SOME OF THE WITZENBERG COUNCILLORS

HOUSING COMMITTEE

MUNICIPAL MANAGER'S OFFICE

LED & TOURISM COMMITTEE

MPAC & SENIOR MANAGEMENT

FINANCE DIRECTORATE

MAYORAL COMMITTEE (MAYCO)

COMMUNITY SERVICES

CORPORATE SERVICES

MPAC

TECHNICAL SERVICES

COUNCIL & SENIOR MANAGEMENT

TECHNICAL SERVICES

INKQUBO YOLUNTU YEDOLOPHU EPHAMBILI

Inkqubo yoluntu yeBhunga leDolophu eNcinane (JTC), iphulo loluntu lokufundisa abafundi noluntu ngokubanzi malunga nokusebenza nendima kaMasipala (uRhulumente weNgingqi), lithe lasungulwa eWitzenberg. Amalungu okuqala kanye e-JTC aye amiselwa ngexesha lomsitho womiselo olukhethekileyo owawubanjelwe kwiHolo yeDolophu yaseCeres ngomhla we-17 kuSeptemba 2025. I-JTC yangoku inabafundi abali-12 abavela kwizikolo ezine ezahlukeneyo: iBella Vista High School, iCharlie Hofmeyr High School, iDe Eike Prayimari neSikolo samaBanga aPhakamileyo i-Ingcingazethu. Umxholo: "Apho iimbono eziNtsha zibumba idolophu eNgcono". re.

Nangona kunjalo, kubalulekile ukuqaphela ukuba esi AYILO sakhiwo sikamasipala okanye inkqubo esesikweni kamasipala. UMasipala ubonelela kuphela ngenkxaso yolungiselelo apho kuyimfuneko kwaye kunokwenzeka. I-JTC liphulo elaqalwa liqela labo babefudula bengootitshala abaqhagamshelwe kwizikolo ezahlukeneyo kummandla kamasipala wethu. Baye banxibelelana kutsha nje ukuba bameme zonke izikolo zasekuhlaleni kwingingqi yaseWitzenberg ukuba zithathe inxaxheba kule nkqubo, kodwa zizikolo ezine kuphela ezikhethe ukuthatha inxaxheba kulo nyaka.

Le nkqubo ijolise ekwaziseni abafundi ngemisebenzi yemihla ngemihla kaMasipala, iinkonzo ezahlukeneyo zikamasipala ezibonelelwayo, iinkqubo zikaMasipala kunye namaqumrhu, kunye noko kulindelekileyo kwiBhunga leDolophu. Injongo yayo kukufundisa nokuxhobisa ulutsha ekuqondeni ulawulo lwasekhaya kunye nonikezelo lweenkonzo ezisisiseko. Amalungu e-JTC aza kuncedisa ngeenkqubo ezisekelwe ekuhlaleni ezinxulumene nokuphucula ulutsha, imidlalo, imiba yezentlalo, uphuhliso lwezakhono nokunye. Iqela lootitshala abaququzelelayo linethemba lokuba izikolo ezininzi ziya kuthatha inxaxheba kwixesha elizayo.

Wamkelekile Jaco Steyn!

Sivuyiswa kukwamkelela uMnu. Jaco Steyn kuMasipala waseWitzenberg Municipality njengoMphathi omtsha weeNkonzo zoLungiso. Ngamava awaqokelele kurhulumento lwasemakhaya kwiminyaka engaphezu kwengama30, uMnu. Steyn ufika enokuqonda okunzulu kwendlela asebenza ngayo umasipala nokuzibophelela okuluqilima ekunikeni iinkonzo. Njengencutshe yeNjineli yezeMigaqo, ufika kuthi evela kuMasipala waseBreede Valley, apho abe negalelo elibonakalayo ngokobungcali nobunkokheli bakhe kwezolungiso. Siqinisekile ukuba ulwazi oluphangaleleyo nokuzimisela kukaMnu. Steyn ziya kuba lulutho olukhulu kulo masipala wethu, atsho akhokhele ukuzisa izinto ezintsha nokuphucula inkonzo esiyinika uluntu lwethu. Simnqwenelela impumelelo kule ndima yakhe intsha sikwathemba kananjalo ukuba uya kulonwabela avune lukhulu kwixesha lakhe kulo Masipala waseWitzenberg.

I-CWDM imisele iNyanga yezoKhenketho kubumbejembeje baseWitzenberg!

UMasipala weSithili saseCape Winelands kulo nyaka imisele ngokusesikweni iNyanga yezoKhenketho kobo buhle beLoxtonia Ciders, eseCeres eWitzenberg. USodolophu uKhansila Trevor Abrahams uye wanguye owamkela esingatha ooSodolophu nooceba abasuka koomasipala abasingqongileyo kwiCape Winelands. Inyanga yezoKhenketho ibekelwe ukubhiyozela imbali yemveli etyebileyo, inkcubeko edlamikileyo kunye nobuhle bengingqi yethu. Kulo nyaka, iWitzenberg igqamisa ukukhetheka kweTulbagh kunye nobuhle obuzolileyo obudlwengul' umxhelo beWolseley ngokunjalo neendawo ezisingqongileyo ezinika umdla. IWitzenberg ilungele wonke umntu. Tyelela indawo yethu uhlale ngendlela ongasoze uyilibale. Iinkcukacha ezongezelelweyo malunga nale ndawo yethu kunye neeofisi zezoKhenketho ezintathu eziseCeres, eWolseley naseTulbagh zifumaneka apha: https://visitwitzenberg.co.za/.

Efotweni: Ekhohlo ukuya ekunene, iAld. yaseWitzenberg Ald. uDirk Swart, uSodolophu waseBreede Valley uAld. Antoinette Steyn, uSodolophu weSithili saseCape Winelands uAld. (Gqr.) Elna von Schlicht, uLisa Louw waseLoxtonia, uSekelaSodolophu waseCape Winelands uAld. Margaret Sampson, UsekelaSodolophu waseLangeberg uAld. Christopher J. Grootboom, uSodolophu waseWitzenberg uKhansela Trevor Abrahams, uAld. Ronald Visagie waseWitzenberg (weMayco: iLED nezoKhenketho) kunye noKhansila Koos Steyn woMasipala weSithili saseCape Winelands (weMayco: EzoKhenketho).

Witzenberg staff celebrates Women's Day in style!

On Friday, 29 August the remarkable women of Witzenberg Municipality came together in unity and celebration at a Women's Day Luncheon hosted by Alderlady Elizabeth Sidego, Speaker of the Witzenberg Council.
The event was a vibrant and joyful occasion, filled with music, dance, and exciting prize giveaways. This year's theme, "Accelerate Action", served as a powerful call to arms, encouraging every woman to raise her voice, take bold steps and become the change she wishes to see in the world. It was more than just a celebration; it was a moment of reflection, solidarity and empowerment. Together we honoured the strength, resilience and brilliance of women from all walks of life. And in doing so, we reaffirmed our shared commitment to shaping a future where every woman is heard, valued and free to lead.

Recycling Workshop held with various stakeholders

Solid Waste hosted a successful and engaging day in Prince Alfred Hamlet, made possible by Petco and the Regional Recycling Officer, Ms Senamile Mvuyana, who organised the workshop. The event brought together Wastepickers, Councillors, Witzenberg municipal staff (both current and retired), as well as Buy-Back Centre owners and entrepreneurs.

The aim was to share Petco's mission and vision while encouraging recycling as a shared responsibility. Their slogan, "You see trash, we see treasure," was vividly demonstrated throughout the day.This initiative was warmly received, reinforcing the message that effective waste management relies on everyone's contribution. With such promising collaboration, this is just the beginning of exciting developments in waste management for the Witzenberg community.

Mamela iWRFM ufumane ulwazi neendaba zikamasipala

UMasipala waseWitzenberg uza kube usenza uluhlu lwezihlandlo zodliwanondlebe lukanomathotholo olwenziwa ngqo nesikhululo sosasazo sikanomathotholo sendawo iWRFM 105.9 malunga nayo nantoni na enxulumene nomasipala.

WRfm 105.9

Izihloko nemixholo iya kususela kwimiba yezemali kunye nenkqubo yesiCwangciso soPhuhliso oluSebenzisanayo (iIDP), ukuya kwiinkonzo zaselayibhraryi nezendalo esingqongileyo, izakhiwo zikamasipala kunye nolawulo lweentlekele, xa sibalula ezinye zazo. Amaxesha kanomathotholo acwangcisiweyo aza kujongana nawo onke amacandelo namacandelwana akumasipala, ukwenzela ukufundisa nokwazisa wonke umntu malunga nokusebenza kunye neendaba ezinxulumene nomasipala. Mamela iWRFM 109.9 rhoqo ngoLwesibini kunye/ okanye nangoLwesine ngo11:00 uze ujonge amaqonga onxibelelwano ethu ufumane imixholo yaveki zonke nezihloko eziza kuxoxwa.

WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

WITZENBERG INDIGENT DRIVE

Witzenberg Municipality will be embarking on an Indigent Drive as from 5 September 2025 to sign up new qualifying beneficiaries and renew the benefits of existing beneficiaries.

How this will work:

- The drive will take place **every Friday** and will start in Op die Berg on 5 September 2025 in the form of house calls.
- Thereafter, Prince Alfred Hamlet (PAH), Bella Vista, N'duli, Ceres, Wolseley and Tulbagh will be served. (**Schedule to be finalised**)
- We now operate on a **new electronic indigent registration system**, called the Indigent Management System (IMS).
- The IMS **quickens** the Indigent **application process** and is more efficient, to serve the community better at service points.
- The **normal supporting documents required** for the application process still apply, and must be brought along.

CONTACT US:

For any related enquiries,
call 023 316 1854
OR
send an email to:
lwessels@witzenberg.gov.za /
m.muller@witzenberg.gov.za

Iwekshophu yasimahla ebibanjelwe abanini beziphaza eWitzenberg

UMasipala waseWitzenberg, ubambisene neCandelo leeNkonzo zeMpilo zikaMasipala kuMasipala wesSithili saseCape Winelands, basanda kuqhuba iwekshophu yasimahla yabanini beziphaza bayo yonke indawo yomasipala waseWitzenberg, nebibanjelwe eCeres. Injongo ibikukufundisa abanini beziphaza malunga neyona ndlela yokuqinisekisa ngempilo nokhuseleko lweevenkile nabathengi babo, ngokwenjenjalo ilukhuseleko lokutya koluntu. Bebefunda malunga: nokuphathwa kokutya kunye nemigangatho yococeko; iimfuno zikamasipala; ukukhutshwa kwezatifiketi kunye nokuhlolwa kweziphaza; ukugcinwa okukhuselekileyo kokutya kunye nolawulo lwamaqondo obushushu; kunye nokuleyibhelishwa kokutya neetshiphsi ezisezipakethini. Le nkqubo ikwaquke iiseshoni zolwazi ezimalunga: nokucwangciswa kweedolophu kunye nezicelo zokusetyenziswa komhlaba ukwenzela ukuvula iziphaza; Iilayisenisi zamashishini kunye noncedo lwemali yeziphaza; Ukuthengisa nombane oqala uhlawulelwe; Unyanzelisomthetho; IiNkonzo zeMpilo zikaMasipala kunye nokuFikeleleka kweZatifiketi; kunye neenjongo zeNgxwamali yophuhliso kazwelonke iNational Empowerment Fund elungiselelwe iziphaza.

NEW VENUE WITH UPDATED START/FINISH AREA
LYELL STREET SPORTSGROUND, CERES, 6835
CERES
MICHELL'S PASS
HALF MARATHON
SAT, 25 OCTOBER 2025 AT 07:00
10 KM ROAD RACE AT 07:15
5KM FUN RUN AT 07:20
FARM/COMPANY RACE CHALLENGE
ACCORDING TO THE RULES OF ASA AND BA
Event Time
All Registration 05:30
Half Marathon 07:00
10km Road Race 07:15
Fun Run 5km 07:20
Prize-giving 10:30
COLLECTION OF RACE NUMBERS ON
FRIDAY 24 OCTOBER 2025 FROM 10:00 TO 16:00
OR ON RACE DAY
CLOSING DATE OF PRE-ENTRIES: 11 OCTOBER 2025
REGISTRATION ONLINE
WWW.ENTRYNINJA.COM
ceres
SPAR
Tru-Cape
DUTOIT
WITZENBERG
Coca-Cola Peninsula Beverages

CERES KERSMARK '25
CHRISTMAS MARKET
PERDEKRAAL EAST WIND FARM IN
COLLABORATION WITH WITZENBERG MUNICIPALITY
SAVE
THE
DATE!
13/14 DECEMBER 2025
WITH LIGHTS, STALLS, ENTERTAINMENT,
KIDDIES CORNER AND MUCH MORE. FULL DETAILS TO FOLLOW
WITZENBERG
SEE YOU THERE!
ceres

TULBAGH WITZENVILLE
FAIRE
PRESENTS
GUEST ARTIST: EARLY B
FRIDAY 05 DEC,
2025
WITZENBERG
Tulbagh
Coca-Cola Peninsula Beverages
STAY TUNED
FOR
MORE INFO
CONTACT DETAILS
TULBAGH TOURISM
023 230 1375/48
tulbaghtourism01@gmail
.com
WITZENVILLE
SPORTS
GROUND